Sam. E. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (23 August 1910), page 3

**Umfi Captain Veldtman**

UMSHUMAYELI WAMZUZU

*Umoya wam awukuhlala upete ubukosi kubantu ngonapakade.*

Kute kwase kungeneni kwawo lomnyaka we waka elinamakulu asitoba aneshumi emva kokunyuka kwe Nkosi yetu, umzi wakomkulu e Zazulwana wotuswa kukutsho kwexilongo elingaqelekileyo, elingenziwanga ngazandla. Bate bakuti patsha abantu bakuya kumkangela lomfo ubuso bungwanyalala ubelivutela ixilongo elo, wapambanisa yena wabuza ukuba ipina indlu yonyana ka Bikitsha ka Mabhidlili inkosana yasema Zizini, kuba unendaba ezisingiswe kuye yi Nkosi ye nkosi. Akuba eyalatisiwe indlu leyo, wonde ngayo ngapandle kokutandabuza, ufike waposa ipepa elimbhoxo elibuzulura ngebala, eliqipula umbilini, laye likwanalo nevumba elihlasimlisayo, kwaye kubhalwe kulo ngamagama egolide lamagama: -

"YOLELA NGOKUBA UZAKUFA.

Lute oludaba lwavakala kwindawana zonke zelilizwe, bapuma abantu abaninzi basingisa kumtunywa lowo wakomkulu besiti i Nkosi mayike yenze ububuyo, u Captain lo usaxakeke kakulu yimicimbi yesizwe. Uroxe ngomva okunene umtunywa lowo waya kulibika elo.

Zinge zingadlula intsuku neveki nenyanga, lavakala kwakona izwi lesigodlo pakati komzi, ute namhla umfo obuso bungwanyalala wakauleza waposa namhla ipepa lolusu (parchment), libhalwe ngamagama entsimbi lamazwi: - "Imelwe Inkosi u Captain Veldtman kukuba ibe pakati kwezase Zulwini i Nkosi, ngapambi kweyesibhozo i Cawa emva ko Mtriniti." Bate bakotuka abantu, yaqokela lendoda yati: "Ewe, akuko kotuka kulonto kuba nangu nomqondiso wokuba into endiyitetayo iyinyaniso: Bayakujikajika izitalato abambambazeleli, ngokuba umntu esiya endlwini yake yangonapakade."

Ite kaloku inkosi yaqala yawaxelela awakowayo ukuba kuko udaba olunje, yayiyolela indlu yayo, zabizwa izikulu zase Mbo ezisondeleyo, into zo Pamla nezo Xabanisa nezo Mamba nezo Madubela, nezinye, zaye into zo Ndwandwa nabafundisi singapezanga ukubika zayeke zilungisela ukuba uti ufika umhla wanqambu kube kungaseko uyakotuka, yati kanti ke i Captain leyo iyakulenza elodini ngomhla we 14 kwinyanga ye Ntlaba, ngolwesi Ne usuku evekini.

U Captain Veldtman lo yenye yama Mfengu aya afika e Tsitsikama, kwalapo wazibalula, umbindi opakati kwe Qonce ne Nxuba kude kube kwintaba ze Nkonkobe, sisituba eso azibonakalise kuso ukuba akangangokuba ebecingelwa njalo ngaleyo mihla. U Rulumente umkonze ngokungenakusoleka, isizwe sake nesizukulwana[1] sake usikonzele, wasilwela; ute kaloku ukuqoshelisa walubumba usapo lwase Mbo ngokucamngca ngolusuku lwabo lwe 14 May. Ndiyakuti kutike ngoko Mhleli, mna, nomnye nababini abangati bandilandele pezu kwedlaka elo, senze lemi dana esisikhumbuzo nesijwili:

Wahlab' umteto! Wahlab' umteto!!

Wahlab' umteto noko kuraral!

Sivakel' isigodlo inkosi yaputunywa.

Baninzi pambili abebeyibiza

Itshakaze yagoduka ngolwesi Ne evekini.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Kunduluk' indoda yashiya iroba,

Nok' ifezileyo kolwayo ugqatso.

Imke nalomend' ibibaleka ngawo;

Yemka nalomandl' ibidiliza ngawo;

Kwanempembelelo igoduke nazo.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Usapo lwase Mbo namhla lulusizi,

Namhla bayalil' abase Lu-Tsukela.

Kumk' oyena yis' ebebanyimbinyela

Kwase Tsitsikama, watsho wavelela,

[1] nesizukulwano

Kuma Taf' e Debe ubeyinkabankaba.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Vunan' iziqhamo zentobelo-mbuso,

Umfo ka Bikitsh' ukonzil' emlungwini;

Vunan' iziqhamo zenkonzo yohlanga,

Umfo ka Bikitsh' ulukonzil' uhlanga.

Uhlanga Iwase Mb' uludibanisile.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Umtanda ka nqata kati akanankomo.

Inkos' engenantsimbi yamqala,

Kub' indlu zengxande kuyo zigqibile, -

Bat' ugodukil' uyokuty' amanqata.

Angasagugiyo e Paradesini.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Vunan' iziqhamo zekolwa lenene,

Uhlal' ung' akuva bejikica ngawe

Ulindel' umvuzo otenjiswe[2] wona,

Uvule indlela esing' ezi Troneni,

Kwi Trone zomhlaba ne Trone ye Zulu.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

---

[2] otenjswe

Qabel’ e Ngqushwa kwabakwa Njokweni,
Nigugut’ u Gaga niye ku Ngwabeni,
Zenikweze i Tyume niye ku Mabandla
Niqoq’ u Matole niye ku Mhlambiso.
Zenincede nikhumbule intsapo ka Hintsa
Khuzani zintlanga umkil’ umnt’ omkulu.

Vunan’ iziqhamo lusapo lwase Mbo,
Indod’ igecile yanqika amatye,
Tina boma Xhosa sotat’ inxaxheba,
Nati boba Tembu siyakukwahlaza,
Kwanati ma Mpondo siyaku jakuja.
Khuzani zintlanga umkil’ umnt’ omkulu.

Utyapil’ u Hints’asinik’ u Elefu,
Watyapa kwakon’ asishiye nenxowa;
Noko somlibala kwi “Bali laba Mbo”
Kuba elilizwe lelokulibala;
Kukumkumbula kwi lizw’ elizayo.

Khuzani zintlanga umkil’ umnt’ omkulu.
Taruni bant’ ukwenjenje siyalila,
Lisiko lase Mbo ukulil’ uteta
NjengoJeremiya wakuma Hebere
Nanjengo Kristu kwintsapo ka Juda,
Elilel’ umzi ozakuchitakala.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Umkil' unyana wakwa Mabhidlili,

Zonk' iziprofeto uzizalisile;

Udlule ku Elintsa watsh' e Tsitsikama,

Unqhubeke apo wasinga kwase Mbo:

Ubeya kufika kusas' e Lundini.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Hamba ngqondo enkulu hamba, -

Hamba mafaneywe kukuhlay' esitunyweni,

Man' ongazang' apum' epunguyeyweni,

Akapumanga nakwelika Krestu noyise,

Namhla kukwi Bhunga Elikulu Pezulu.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Siti: Hamb' ugoduke ngqondel' enkulu.

Usigqibil' isizukulwan' ukusikonza.

Ukwenzil' okunokwenziwa yinyama negazi,

Ulubopil' uhlanga lwako waludibanisa.

Ngalebhanti yolusuku lweshumi linane,

Zekube kokwabo ukuzipalaza.

Khuzani zintlanga umkil' umnt' omkulu.

Bhotani ke zinkedama ndiyabulisa,

Bhotani nonke nina bakwa Dlamini,

Bhotani nani nina bakwa Radebe,

Bhotani bakwa Keswa nani ma Bhele,

Andinishiyi nani nina bakwa Maduna,

Nani bakwa Nkomo ndiyanibulisa.

Bhotani nonke mzi wenkosi!

Ncincilili!!!